Overstrand Personeelblad/Staff Newsletter

Phambili!

Vorentoe/Forward

Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality OVERSTRAND

IMBALELWANO YE-12

APRILI/MEYI 2018

Ukhuphiswano obe lukumgangatho ophezulu phakathi kwamaqela ezemidlalo kwi-Overstrand Sports Festival!

Umdlalo wamagqibela-kankqoyi kwi-Overstrand Sports Festival, obe ubanjelwe eHawston ngoMgqibelo umhla wama-21 kuEpreli ungqine into yokuba italente kwezemidlalo eOverstrand ivuthiwe.

Kumdlalo wombhoxo iHawston itywatyushe iKleinmond ngamanqaku angama-52 - 24

IKleinmond iqhokre kuqala kumdlalo weqakamba oqhutywe ngocwangciso lwama- 20/20-format yaphindaphinda ama-56. I-Hawston iwise uthinti kwakanye xa bekusiya kutshintsho lwesi-8.

Iqela lebhola yomnyazi eHermanus lohlule iMount Pleasant iqela ebebekhuphisana nalo kwiNetball Challenge. IGansbaai igoduke nendebe ebizwa ngokuba yiLegends soccer trophy. (iLegends soccer ngumbutho wabadlali bebhola ekhatywayo bakudala).

IYoung Ideas yohlula iThemba Team kumdlalo wamagqibela-kankqoyi webhola ekhatywayo. Omabini la maqela ngawaseZwelihle.

IHawston yaphumelela iCricket Challenge

IHawston yaphumelela iRugby challenge

IYoung Ideas yaphumelela iSoccer Challenge

IMount Pleasant Netball team yaba kwindawo yesibini

IGansbaai yakwazi ukuba igoduke nendebe yezinyan ya zebhola ekhatywayo (legends soccer trophy)

MASENZE ISIFUNGO SOKUBA ASISAYI KUQHUBA SIPHITHIZELISE IMINWE NGAXESHA NYE

#Qhuba! Yeka umnxeba.

MUSA UKUTHETHA EMNXEBENI XA UQHUBA

Ngokuphathelele kuMgaqo woKusetyenziswa kweZithuthi zikaMasipala, zonke izithuthi ziya kuqhutywa ngeNKATHALO noNONOPHELO ukuze abantu BAZIDLE ngomasipala wabo.

Emva kokuba abahlali bekhalazele ukuba amagosa kaMasipala
- akawaqhoboshi amabhanti xa eqhuba,
- athetha emnxebeni ngeli xesha aqhubayo/okanye
- ayaqhuba ze ephithizelisa iminwe ngaxesha linye,

ABaphathi beeNkonzo zokusetyenziswa kweZithuthi zikaMasipala beze neqhinga lokuba onke amagosa aneelayisenisi zokuqhuba enze isifungo esithi "phantsi" ngokulaqaza uqhuba. Sinethemba lokuba esi sifungo siza kunatyiselwa nakwabanye oomasipala ebudeni bonyaka.

Maninzi amagosa ayaziyo into yokuba ukuqhuba nokuphithizelisa iminwe ngaxesha nye akuvumelekanga kodwa, ayayenza loo nto- isizathu sesokuba akukho mntu ubanjwayo.

Icebo

Boogxa bam! Ubomi benu kunye nobeenentsapho zenu sibuxabisile singuMasipala waseOverstrand, siyanicela ukuba niqhube ngenkathalo ezindleleni. Ingozi yenzeka ngephanyazo. Umyalezo wethu udelekile, kodwa ubalulekile: Xa uqhuba endleleni, umnxeba mawungakuphazamisi.

- **HLONIPHA UMTHETHO.** *Musa ukuqhuba ze uphithizelise iminwe ngaxesha nye. Lo myalezo ubhalwa ngokuphithizelisa iminwe awukho ngaphezulu kobomi bakho.*
- **MUSA UKUPHAZAMISEKA.**
- **YIBA NENKATHALO.** *Musa ukuthumela ilungu losapho, isihlobo okanye ugxa wakho emsebenzini i-SMS xa usazi ukuba usemvakwevili.*
- **JONGANA NOKUQHUBA .***Ungaze uthathe iifoto, uthumele okanye ufunde imiyalezo, urekhodishe iividiyo okanye ubukele umabonakude ngeli xesha uqhubayo.*
- **YIBA NGUMZEKELO.** *Uphando lwakutsha nje lufumanise ukuba iqela labatsha elingama-77% lithi abantu abadala balumkisa ngokusebenzisa ifoni ngeli xesha umntu aqhubayo, kodwa nabo bayayenza loo nto "ngalo lonke ixesha" kunjalo nje. Ngoko ke, masincede sibe ngumzekelo.*
- **LUMKA.**
- **MUSA UKOTHUKA EMVA KWESITHONGA.** *Zibophelele kwisifungo sokuba awunakuze usebenzise ifoni uqhuba imoto.*

NGAMAXHAPHETSHU KUMAGOSA EZOTHUTHO KUKUGXALATHELANA KWEZITHUTHI

Umbulelo ongazenzisiyo kubo bonke abathe bancama ixesha lokuba babekunye neentsapho nezihlobo ukuze iinqwelomafutha zihambe kakuhle ezindleleni

Ubalo olwenziweyo lweenqwelomafutha ezingene eHermanus kwimpelaveki yePasika edlulileyo lubonise ukuba ngoLwesihlanu umhla wama-30 kuMatshi ziinqwelomafutha ezingama-6 487 ezangenayo, ukuze ngeCawe umhla woku-1 kuEpreli yangama-5 765 eenqwelomafutha ezabalwa zingena. Kwicala elinyukayo lendlela ngama-7 427 eenqwelomafutha ezabalwayo zinqumla edolophini ngoMgqibelo umhla wama-31 kuMatshi.

Ngokuqinisekileyo, kwakufuneka onke amagosa ezendlela abesemsebenzini, kunjalonje asebenze ngokuthe chatha ukuze umthamo owongezekileyo "weenqwelomafutha" ezidlula kwidolophu yethu ulawuleke: Lo msebenzi nawusingatha ngempumelelo. Akuthandabuzeki ukuba ngale Mpelaveki yePasika kwakuxhelw' eXhukwana kwezoshishino, xa sinokubala iindwendwe ezazihambele imicimbi eyayiqhubeka eOverstand jikelele. Sibamba ngazibini ngomsebenzi omhle eniwenzileyo. Khumbulani ukuba nincedise ekukhuliseni iOverstrand kwezoqoqosho!

Ngegalelo lenu kwimpumelelo yezicwangciso zethu sithi ENKOSI KAKHULU! Ngakumbi xa iOverstrand iza kwaziwa njengendawo etsala abakhenkethi – iphupha esinalo xa sisonke kuba ukhenketho luyintsika yethu kwezoqoqosho.

INTLANGANISO YOCWEYO YE-SCM ibixhobisa ngeziluleko nolwazi

Abaqeshwa abasebenza ngokukhutshwa kwemisebenzi karhulumente kuMasipala eOverstrand badibene kunye noogxa babo kuMasipala waseTheewaterskloof nakuMasipala weSithili iOverberg kwintlanganiso yocweyo yeSCM eHermanus ngomhla wesi-4 nowesi-5 kuEpreli.

Phakathi kwezinto ebezixoxwa kuthethwe nangeSCM model/system nesimo sezowiso-mthetho, Abalawuli abanyanzelisa ukufunyanwa kwempahla nemihlaba kamasipala, iikomiti zezibizi-maxabiso, abalawuli abagoca-goca ubungqili beekhontrakthi.

UHelen Venter oliGqwetha kwiNkundla ePhakamileyo wayesisithethi esiphambili. USonja Immelman weSCM eHermanus le nto uyibeka ngolu hlobo, "Xa ubani efumana ithuba lokuba amamele uHelen Venter esenza intetho yakhe loo nto makayibulele. Le ntetho yayixhobisa ngeziluleko nolwazi".

Ababekho kwintlanganiso yocweyo [emva] nguJohanndré Grobler (UMabhalana oyiNtloko: Kwi-Ofisi yaBaphathi kuLawulo lweeKhontrakthi), nguRita Neethling (UMabhalana oyiNtloko: Kwi-Ofisi yeSCM ekhupha imisebenzi),ngu Sonja Immelman (UMabhalana oyiNtloko: Kwi-Ofisi yeSCM ekhupha imisebenzi), nguGerrit Coetzee (iNgcali eyiNtloko: Kwi-Ofisi yeZibonelelo), nguTiaan Marx (iNgcali eyiNtloko: KwiNkqubo zikaMasipala) ukuze [ngaphambili] ibe nguMike Bartman (iSekela-Mlawuli: kwiNkonzo yeeNkqubo zikaMasipala), nguBuli Plaatjies (UMphathi: kwiiOfisi zoLawulo eHermanus) kunye noChristo Roets (UMphathi: kuLawulo lweMisebenzi eyinkxaso neeKhontrakthi).

UJohan Hanekom (ekunene) nomhlobo aloba naye uRian Rust, umhlobo othembekileyo nongugxa wakhe emsebenzini.

UYA KUZIPHUMLELA NGOKULOBA!

Emva kweminyaka engama-31, uJohan unqwenelela oogxa bakhe umsebenzi omhle wokuthi ndlela-ntle kuye

Bambalwa abantu abayibamba "itorho" de kube ngumzuzu wokugqibela. UJohan Hanekom, INtsumpa: kwiNdawo yokuKhanda, ngomnye wabo. Loo nto uyenze ngobuchule.

Emva kokuba uJohan eqeshwe ngumasipala ngo-1986 njengomkhandi wenjini yedizile wasala eligqala likaMasipala waseHermanus, uMasipala weGreater Hermanus, ze kwathi kutsha nje walilo negqala laseOverstrand ukususela oko wayeqeshiwe.

NgoLwesihlanu umhla wama-23 kuMatshi, oogxa bakhe emsebenzini bamenzela umsitho uJohan wokuthi ndlela-ntle, kaloku kuye kwakufike ithuba lokuba enze loo nto wayehleli eyinqwenela kade, ukuloba. UJohan uthi, into ayifunayo ngoku kukushiya lo mzi wokukhanda iinjini zedizile ezinengxolo eninzi aye kwindawo ethe cwaka apho aza kufika asebenze ngentonga yokuloba negiyeri, ukuba phofu umqolo wakhe uza kumelana naloo nto. Kutsha je uJohan uye wangeniswa esibhedlele ukuze afumane uqhaqho lwasemqolo isihlandlo sesibini, nto leyo emenze wafikelela kwisigqibo sokuba athabathe umhlalaphantsi msinya kunokuba ebecinga.

Nangona kunjalo, qiniseka ukuba nabani na ozihambela kwindledlana enamawa, okanye elunxwemeni xa kuqala ukuthi qheke ukusa okanye ngongcwalazi uza kumfumana uJohan ehleli kule ndawo ayithandayo: Elindele ukubambisa i-galjoen okanye i-steenbras ayithiyisele ngento enombizelane ngokukodwa.

Njengoko kulindelekile, uJohan akazi kusixelela nto ngale resiphi kunjalo nje engazi kucebisa nabani ukuba lowo intonga yakhe yokuloba angayijolisa kweliphi icala.

Egameni likaPhambili, siyathemba ukuba iNkosikazi yakhe uYvona, nabantwana babo, uHanlie noJohan, baya kuze babalise amabali amaninzi ngeentlanzi ezatya zagqotsa...

UTYWALA NEZIYOBISI KWINDAWO YENGQESHO

UMasipala waseOverstrand uzibophelele ekuphakamiseni umgangatho wempilo, ukhuseleko nokunciphisa ukonzakala emsebenzini. Ubona utywala neziyobisi njengezinto eziduba isimo sokhuseleko nokukhuthala kubasebenzi.

Umgaqo wethu ngokuphathelele kulo mba uchaphazela bonke abasebenzi abasisigxina nabasebenzi bethutyana phantsi koMasipala waseOverstrand ngexesha lomsebenzi.

UMasipala ubona ubukhoboka botywala neziyobisi njengengxaki enyangekayo kwezempilo kwaye ukhuthaza ukuba banikwe uncedo abasebenzi abombethwe yile ngxaki, kulandelwe imiqathango emiselwa ngulo mgaqo. Nangona uMasipala engasayi kufaka mpumlo kwimicimbi yangasese kubasebenzi kodwa uthi makuphangelwe ngabantu nokuba iimeko zithini ukuze kubekho ukuqiniseka ukuba lowo uthiwe mbende yile ngxaki uza kuwenza kakuhle nangendlela ekhuselekileyo umsebenzi wakhe.

UMasipala uwuhloniphe kakhulu umthetho olawula ukhuseleko ngexesha lomsebenzi. Ngoko ke akafuni nakancinci ukuba abaqeshwa beze emsebenzini bephantsi kweempembelelo zotywala neziyobisi.
Ukuze kufumaneke ubungqina bokuba umqeshwa uphantsi kweempembelelo kusini na, kuza kubakho uhlolo olwenziwayo ngobuxhakaxhaka bezempilo kwabo barhaneleka ukuba beze besele emsebenzini.

Abaphathi baza kuqwalasela bonke ubungqina phambi kokuba bathabathe amanyathelo afanelekileyo kuquke nokuba isimo sokuziphatha komqeshwa akhange simbeke phantsi komngcipheko na yena kunye noogxa bakhe emsebenzini okanye sirhuqele igama likamasipala uludakeni.

Abasebenzi abangamabambela abazi kohluka nganto kwabanye abasebenzi kwaye imiqathango ebekiweyo iza kubachaphazela ngokufanayo nabo basebenza ngeeyure eziqhelekileyo zempangelo.

Xa kunokwenzeka ukuba umsebenzi abizwe ebezonwabele engalindelanga, kufuneka achazele umphathi-basebenzi ukuba ufike wasela utywala emva kokuba etshayisile emsebenzini.
Kusakufumaniseka ukuba ngenene umsebenzi usele ngoncedo lobuxhakaxhaka bokuhlola utywala emzimbeni, umqeshwa uyakucelwa ukuba agoduke ngaphandle kwesohlwayo.

Ukuba umsebenzi akamxelelanga umphathi-basebenzi okanye umphathi ze kufumaniseke ngoncedo lobuxhakaxhaka bokuhlola utywala emzimbeni, ukuba usele, uya kuthathelwa amanyathelo oluleko.

Uncedo luyafumaneka:
Ukuze ufumane uncedo ekulweni ubukhoboka botywala neziyobisi qhagamshelana necandelo lezemisebenzi ngale nombolo: 028 313 8122, okanye ufumane iingcebiso ngeFoni kuMnyango weZempilo ngale nombolo: 021 940 4500 okanye 0800 220 250. Nantoni eya kuthi ixoxwe iya kuhlala iyimfihlo.

Emfanekisweni apha nguDaneel Whiting nezinto aziqokelele usapho lukaEucome Wadi. U-Eucome, yimbaleki yaseHawston ebe ithembisa kakhulu, watshayiswa yinqwelomafutha wasweleka xa wayenkcunkca kuhle kwindlela ephakathi kweHawston neFisherhaven elungiselela ukhuphiswano lwezemidlalo eBoland.

IOfisi yoHlahlo-lwabiwo-mali inikela ngoncedo

Kutsha nje iqela elisebenza kwi-Ofisi yoHlahlo-lwabiwo-mali lenze isigqibo sokunikela ngoncedo eluntwini nyanga zonke. Lowo ufumana uncedo isenokuba ngumntu ebumelwaneni, iziko elithile okanye nabani na ocingeleka kweli qela ukuba uyaludinga uncedo lwemali. Eli qela libulela impangelo, ukuqeshwa ngokomsebenzi. Yintoni ke ekholisa umphefumlo ngaphandle kwesandla esiphayo nokuba loo nto unikela ngayo ikhangeleka incinci.

IOVERSTRAND IDIMBAZA ISIVUNO SEENGQONDI

UANVER WYNGAARD, *Igosa kwiSigqeba saBaniki-nkxaso kwiBhunga eliLawula iiNkonzo zoLuntu, sisinxiba-mxhaka esafumana isidanga kwiManagement College of Southern Africa. Wathweswa isidanga seBA Hons kwiPublic Administration (NQF level 8) ngomhla wesi-7 kuEpreli 2018 eDurban.*
Ebulela usapho lwakhe noogxa bakhe ngenkxaso yabo, uAnver uthethe wathi: "Ndiyambulela uMasipala waseOverstrand ngenkxaso-mali andinike yona ukuze ndigqibe izifundo zam. Ndinethemba lokuba la maphepha emfundo kunye namava aya kulithabatha ikhondo lam lezifundo alibeke kwinqanaba eliphezulu emsebenzini."

UAKKERTJIES "NGUTISHALAKAZI" OMTSHA: *UKaila Engelbrecht, oyintombi kaCarlouw Engelbrecht (kwiSebe loBugcisa boLwazi noNxibelelwano), uthweswe isidanga seBEd ngomhla wesi-7 kuMatshi e-NWU, ePotchefstroom. Ngoku selehlohla imathematika, inzululwazi neTekhinoloji kubafundi baka greyidi 6 eWorcester North Primary (waziwa ngokuba nguAkkertjies). Emabaleni ezemidlalo, uqeqesha iqela lokuqala nelesibini lesikolo kwibhola yentenetya kunye neqela lokuqala lehokhi.*

OOMAMA ABABINI ABASEBENZA KWITHALA LEENCWADI EHAWSTON ABASIFIHLI ISIZATHU SOKUBA BACHULUMANCE: *Emfanekisweni nguBelinda May (ekugqibeleni kwisandla sasekunene) noHillary Arinds (ekugqibeleni kwisandla sasekhohlo) kutsha nje bavela kubukela unyana nentombi (uCharlton noTamlin) kumsitho wothweso-zidanga yiYunivesithi kwiPhondo leNtshona Kapa.*
UTamlin wathweswa isidanga kwiSayikholoji. Kungoku nje uyaqhubeka ngezifundo zakhe, injongo yakhe kukwenza i-honours kwi- Educational Psychology ukuze ekugqibeleni enze izifundo ezizodwa zobungcali kwiClinical Psychology.
UCharlton wathweswa isidanga seBachelor of Arts apho athe wenza isiAfrikansi, iJografi nenzululwazi ngeelwimi njengezifundo eziyintloko. Uza kuqhuba njengoTamlin afundele isidanga sesibini kwiYunivesithi yePhondo leNtshona Kapa abenesiqinisekiso sokuba ngumfundisintsapho.

I-DIPLOMA YABASELE BENEZIDANGA LELINYE INYATHELO LIKACHANTELLE KWINTSHISAKALO YOKUGQWESA: *Ngo-2010, uChantelle Hill – Igosa kuPhuhliso loQoqosho lwaseKhaya (i-LED) phantsi kweBhunga laBalawuli: UPhuhliso loKhenketho noQoqosho eHermanus – wanikwa isitifiketi kuPhuhliso loQoqosho yiYunivesithi yeNtshona Koloni emva koko wafumana uqeqesho phantsi kwenkqubo ephathelene noPhuhliso loQoqosho lwaseKhaya kwiYunivesithi yeNtshona Koloni ngo-2016 kwakuyo le yunivesithi. Ngomhla wesi-5 kuEpreli 2018, uphinde wathweswa isidanga yile yunivesithi, kodwa kwesi sithuba ibe yiDiploma kwiPublic Administration kwabasele benezidanga.*
UChantelle uthi le yindlela yohambo olungenasiphelo, ucaphula kuYeremiya isahluko 29ngevesi ye-11 efundeka ngolu hlobo: Ngokuba ndiyazazi iingcinga endizicingayo ngani, utsho uYehova: iingcinga zoxolo, ezingezizo ezobubi; ukuba ndininike ikamva nethemba. Uyathanda ukuba abelane noogxa bakhe ngesaci asithandayo: "Khumbula ukuba uyaphumelela kuyo yonke into oyifunayo ngamandla avela kuYesu Kristu okomelezayo."

UASANDA UNEENGCINGA ZOKWENZA IZIFUNDO ZOBUGQIRHA: *UAsanda, yintombi kaDavid Mgoduseni Nkunkumana osebenza kwiSebe leePaki eHermanus, kutsha nje ufumene isidanga seBEd ethatha isiNgesi neLife Orientation njengezifundo eziyintloko kwiYunivesithi yaseNtshona Koloni. Uqale izifundo zakhe ngo-2014, kungoku nje ufundisa eWaldorf School eHermanus phantsi kwekhontrakthi yeenyanga ezi-6. "Umnqweno wam kukufundisa esikolweni ukuze ndibenamava kwicala lezemfundo, ukuze emva koko ndongeze imfundo yam. Umnqweno wam kukuzibona ndithweswa isidanga sobuggirha ngenye imini," watsho uAsanda.*

Emfanekisweni ngoogxa bakhe uSaartjie Heyns emsebenzini: nguCarina Dignas (ekhohlo), nguJohnty Kesner noaAshley Swartz bakunye noSaartjie Heyns.

USAARTJIE UTHI NDLELA-NTLE

Ekuqaleni koMatshi, oogxa bam bathe ndlela-ntle kuSaartjie Heyns obesebenza kwiSebe laBalawuli beNkcitho-Mali neeAsethi phantsi kweCandelo leZemali iminyaka emininzi.

Bonke ababezimase eli theko lokuthi ndlela-ntle bathetha kakuhle ngoSaartjie besitsho nokuthi ube ngumntu onenkathalo nobubele, obesoloko efuna ukunceda nokusombululela abantu iingxaki zabo.

"Saartjie! Njengomntu oligqala uza kukhunjulwa, kodwa ke siyakukhulula ukuba uyokuphumla ekhaya. Sikuhlonipha ngobuntu bakho kwaye sikunqwenelela okuhle konke ngexesha
lomhlalaphantsi wakho," watsho uHannes Vorster esenza elokuvalellisa kulo msitho (UMphathi oyiNtloko, kwiSebe lezeNkcitho neeAsethi).

NGUWO! NGUWO! NGUMTSHATO! *U-Yolindi Nothling, umphathi wabasebenzi ongqongqo nofakwe phantsi kweSebe laMandla oLuntu eHermanus, noJacques Swart bazimanya ngeqhina lomtshato ngomhla wesi-3 kuFebruwari eFernkloof Nature Reserve. Ngokutsho kukaYolindi, yayilithamsanqa ukuba kubekho phakathi kwabo amadodana akwaJacques (omnye evela Yanetha imvula ngosuku olandulela umtshato. Kodwa kwenzeka ukuba imozulu izole, ibenelanga elaligqatsa kanobomi kangangokuba abantu babengena phantsi kwemithi ukuze bafumane umthunzi. Umtshato emva kweminyaka engama-50 luyolo nokonwaba okukhulu," wongeza ngelitshoyo.*

UANGELO UNYOVELA UKUFUMANA IIMBASA: *UAngelo Ford, osebenza kwiSebe leZemali eHermanus, ngumkhweli-bhayisikile onenzondelelo. Kwinyanga ephelileyo ugqibe iCape Town Cycle Tour ngexesha elingangeeyure ezi 3:30. Abaninzi kuthi bakhe bambone endleleni ekunye noogxa bakhe uByron May noAshley Swartz. Esi sithathu sithanda ukuzigcina sisempilweni sifuna ukuqonda ukuba bangaphi abahlali baseOverstrand abanomdla wokubaleka nabo kwi Park Run ngentsasa yangoMgqibelo. Yizani nonke bethu: Eli lithuba elihle lokuba uthobe ubunzima obungafunekiyo nokungqina ukuba inkqubo yobugosa eOverstrand ixhasa intlalo esempilweni!*

UFUNGISIWE NJENGEGQWETHA: *NgoMatshi 2018, uTaryn Scholtz waseMount Pleasant uphumelele izifundo zokuba ligqwetha eliphelele yo. Emva kokuthweswa isidanga Kapa ngo 2015, ukususela ngoko uTaryn waligqiba ixesha ebelimiselwe eHermanus Attorneys Adrian Louw, ongumqeshi wakhe kungoku nje. Unale nto ayithethayo ngokwenza umda ongaka eselula ngeminyaka: "Musa ukutyhafa, uncame ungekawafezekisi amaphupha akakho. Akukhathaliseki nokuba loo nto iza kuthabatha ixesha elingakanani na, okanye iimeko ziyala okwa kaloku nje, ukusebenza ngokuzimisela, ukuzinikela nokuxhaswa njalo ngabo basenyongweni likhubalo lempumelelo. Ndifuna ukukhuthaza wonke umntu omtsha ukuba abenephupha: Ukuba uhlala unamaphupha ofuna ukuwafezekisa, ungayifumana loo nto uyinqwenelayo – nokuba usuka phiphiphi."*
UTaryn yintombi kaRichard Scholtz osebenza kwiSebe leePaki eHermanus.

IGQIYAZANA: *Amantombazanana amaninzi abanephupha lokubhiyozela usuku lwawo lokuzalwa xa egqiba iminyaka eli-16. Kuye ke uRobin Leigh, intombi kaJohnty Kesner kwiCandelo leeAsethi eHermanus, othe wabhiyozela usuku lwakhe lokuzalwa ngomhla wesi-7 kuEpreli, eli phupha lafezekiswa. Bonke abantu babeyalelwe ukuba banxibe mhlophe napinki ze itheko labanjelwa eBot River ekhayeni lakhe. Emfanekisweni apha nguJohnty: igqiyazana uRobin Leigh elinguSotheko, uNkosikazi Jasmaine kunye nonyana wakhe uConnor.*

Owayesakuba ngumhleli we-Phambili nguCeba omtsha wase Overstrand

Ekuqaleni kukaMatshi kulo nyaka, owayesakuba ngumhleli wethu uCharmaine Resandt wavala isithuba esathi savuleka ngokusweleka kukaMayor ukuze amanani ahlale elungelelene.

UCharmaine owaziwa kakhulu ngobuchule bokusebenzisa amaga -ma uthanda iinkqubo zophuhliso lolutsha ngakumbi oko kunokwenziwa zezemidlalo. Enyanisweni, kukuthanda kwakhe iSoftball okwenza ukuba avule iOverstrand Titans Softball Club eKleinmond ngoDisemba 2016. Nabani na oye wakho kwi-boerie braaai yonyuso lwengxowa-mali egameni likaSteven Drury angayingqina eyokuba uCharmaine unovelwano ngomntu kwaye akabuyi mva xa kusithiwa yeyele! Ze kufuneke ukuba kuhlalwe iintlanganiso eziza kuqqquzelela iinkqubo eziza kwenziwa.

URodrick ongumyeni wakhe ngurhwebi wentlanzi kwizibuko laseKleinmond. Esi sibini sinabantwana ababini abasele bebadala; ngunyana wabo uKijl, osebenza kwinqanawa eyakhelwe ukuzonwabisa nentombi yabo uJami osebenza kwaWoolworths kwiDolophu yaseKapa. Bashiywe bodwa ngabantwana, oku kungqinwa yimizekeliso. Uthando lwabo ngoku balujolise kuMugsy and Bugsy ukuvala isithuba sokungabikho kwabantwana ekhaya.

Xa abuzwa ukuba yintoni esenyongweni kuye, uCharmaine uphendula kwa oko: "USapho lwam nemeko oluphila phantsi kwayo zizinto eziphambili. Emva koko kukusebenzela uluntu ngokuzimisela nokuzinikela okukhulu. Kanti ke, okona kubalulekileyo kukudlala indima ebonakalayo ekuqinisekiseni ukuba abantu abatsha bayawaxhamla amathuba ukuze nabo bafezekise amaphupha abo.
Ceba! Siyakuthanda kwaye sikunqwenelela okuhle kodwa.

IOVERSTRAND IVUYISANA NABASEBENZI ABASEBENA IXESHA ELIDE

Kwakuluncumo novuyo xa amalungu angama-54 esitafu sikaMasipala waseOverstrand efumana iziqinisekiso zokuwahlonipha ngokusebenza ixesha elide ngenzondelelo kuCebakhulu uDudley Coetzee kutsha nje kwintlanganiso yebhunga eHermanus ngoLwesithathu umhla wama-25 kuEpreli 2018.

ISITAFU KWII-OFISI ZOLAWULO EHERMANUS
Ngaphambili (ekhohlo ukuya ekunene) nguFundiswa Mdlangazi (li-15 leminyaka), nguWilhelm Plaatjies (li-10 leminyaka), nguHeathley Plaatjies (li-10 leminyaka), nguCebakhulu Dudley Coetzee, nguSiphiwo Magwaza (li-10 leminyaka), nguRomeo Stevens (li-10 leminyaka) noCeba Andrew Komani. Kumqolo wesi-2 (ekhohlo ukuya ekunene) ng Coenie Groenewald uMphathi kaMasipala, nguEdgar Hendricks (li-10 leminyaka), nguJosef Slabbert (li-10 leminyaka), nguZimisele Vetyu (li-15 leminyaka). Kumqolo wesi-3 (ekhohlo ukuya ekunene) nguLudidi Mbizo (li-15 leminyaka), nguLlewellyn Lukas (li-10 leminyaka), nguMhlanganiseli Mtshizana (ngama-30 eminyaka), nguPenelope Aplon (li-10 leminyaka), nguElia Cekiso (li-15 leminyaka). Kumqolo wesi-4 (ekhohlo ukuya ekunene) nguXolisani Ntsoto (li-10 leminyaka), nguSolomon Khoni (li-15 lemiyaka), nguElzene Charles (li-15 leminyaka). Ngasemva (ekhohlo ukuya ekunene) nguGerhard Smit (li-10 leminyaka), nguGerhard Coetzee (ngama-25 eminyaka), nguSchalk van der Merwe (li-10 leminyaka), nguElmarie Hooneberg (li-15 leminyaka). Ababengekho: nguDeniel Barry (li-10 leminyaka), nguSonja Afrika (li-15 leminyaka), nguAileen Theart (li-10 leminyaka), nguJohan van Taak (li-10 leminyaka), nguPotgieter (li-10 leminyaka), nguTasneem Concalves (li-10 leminyaka), nguHannes Visser (li-10 leminyaka), nguTahndiahaya Bango (li-10 leminyaka), nguAlton April (li-10 leminyaka), nguMzwandile Dyonta (li-15 leminyaka), nguNkosinathi Stemela (li-15 leminyaka), nguMelanie Swartz (li-15 leminyaka), nguMthunzi Mzilikazi (li-15 leminyaka), nguKwawyzeni Jali (li-15 leminyaka), nguZimisele Vetyu (li-15 leminyaka), nguMthembe Mteyise (li-15 leminyaka), nguHoward Januarie (li-15 leminyaka), nguLee-Ann Rauch (ngama-25 eminyaka) noFlorence Ngwanja (ngama-35 eminyaka).

Esenza intetho yakhe kubasebenzi abasebenze ixesha elide ngenzondelelo, uCebakhulu Coetzee wathi ukukhuphela abasebenzi abadibanise iminyaka engama-820 besebenza ngenzondelelo iziqinisekiso liwonga kuye! Waqhuba wathi oku kubonisa inyameko nokuzinikela kuMasipala wabulela isitafu ngenxaxheba yaso enkulu.

Kulo msitho wokunikezela imbasa ngokusebenza ixesha elide UFlorence Ngwanya owamkela nobhatala imali (kwiiOfisi zoLawulo eHermanus) waba liqhawekazi elihlonitshwayo ngokugqiba ama-35 esemsebenzini. Ngelishwa akazange abekho kulo msitho ngenxa yokuxinwa ziimeko zomsebenzi.

ISITAFU KWII-OFISI ZOLAWULO EKLEINMOND NASEGANSBAAI
NguBonginkosi Gerald Ntozakhe (eKleinmond li-15 leminyaka), nguCoenie Groenewald uMphathi kaMasipala , nguOmoria Samuels (eKleinmond ngama-25 eminyaka), nguMbuyiselo Ngwenya (eGansbaai ngama-20 eminyaka), nguHendry Gudu (eKleinmond ngama-20 eminyaka), nguCebakhulu uDudley Coetzee, nguSolomon Booysen (eGansbaai ngama-25 eminyaka),ngu Asian Ngwenya (eGansbaai li-10 leminyaka), nguDefrane Dahl (Gansbaai ngama-25 eminyaka), nguJames Felix (eGansbaai ngama-25 eminyaka), nguPaul de Villiers (eGansbaai ngama-20 eminyaka) noCeba Andrew Komani olilungu kwiKomiti kaSodolophu phantsi kweeNkonzo zaBaphathi. Ababengekho: nguZolani Mxhosa (eKleinmond li– 15 leminyaka), nguLiezel Hanekom (eKleinmond li- 10 leminyaka), nguAndreas Reichert (eKleinmond li– 10 yrs), nguMalinda Crafford (eGansbaai li– 10 leminyaka), nguDanie Maree (eGansbaai ngama- 25 eminyaka)

BULISA KUMFO [ONTLONI]

OLAWULA ISEBE LENKCITO-MALI NEE-ASETHI: UCarl Oppelt

Njengoko enezicwangciso zokufumana isidanga seMasters kwiPublic Administration kwiYunivesithi yaseStellenbosch ekupheleni konyaka, uMphathi kaMasipala waseOverstrand oqeshwe kutsha nje: KwiSebe leNkcitho-mali nee-Asethi uyawaphila amazwi obulumko entandane yakhe u-T.D. Jakes ngeendlela ezininzi: "Abanye bangakukhuthaza nje, kodwa elona vuso lamandla yile nto ingaphakathi kuwe nokwazi ukuba ungayisebenzisa njani loo nto uyiphathisiweyo."

Xa ebuzwa ukuba unqwenela ukuba impumelelo yakhe njengomphathi kwiCandelo leNkcitho-mali neeAsethi phantsi kweSebe leZemali eOverstrand lingayintoni, uphendula athi, "Ndinethamsanqa ngokuqeshwa phantsi komntu onezi mbono ndinazo. Ngumnqweno wethu sababini ukuphakamisa umgangatho weli sebe ngokuthi sivule amathuba okuxhobisa isitafu sethu ngezakhono nokudala isimo esilungelana nokuxatyiswa komsebenzi ukuze elowo nalowo agqame kwindawo akuyo: Abantu abaxhotyiswe ngezakhono banentshisakalo. Abantu abanentshisakalo banamacebo. Abantu abasebenza ngokuzimisela benamacebo baveza amathuba ukuze abantu baxhamle ngalo lonke ixesha."

Xa ebuzwa ngenxaxheba anokuyenza ukukhulisa uqoqosho lwaseMzantsi Afrika, uCarl wayenza yacaca eyokuba ufuna ukukhuthaza ilizwe lethu ukuba liyeke ukufana nombutho onika ngesiokanye isosayethi yendodla.

"Xa abantu benokuxhotyiswa ngezakhono ukuze baziphilise loo nto iya kuphelisa indlala nentlupheko, ikhulise uqoqosho, inciphise ulwaphulo mthetho, iphucule nentlalo yabantu ngokubanzi. Oku kungayimpumelelo xa utyalo mali lungabeka ulwazi nophuhliso lwezakhono phambili. Okona kungamandla kukuqinisekisa ukuba olu phuhliso lwezakhono nolwazi zizinto eziphinda zixhobise abanye abantu."

Xa ethetha ngokukhula emsebenzini, u-Oppelt uvumile ukuba ufunde lukhulu kubaphathi bakhe, ngakumbi kwabo ebesebenza nabo kwiOfisi yokuHlawula imivuzo: "Izakhono endixhotyiswe ngazo (ubuntu nokuziphatha) ziya kundinceda kakhulu kwisikhundla sam esitsha," watsho njalo.

UCarl utshate noOlivia, kwaye uyathanda ukuchitha ixesha naye bekunye nabantwana babo ababini (uDanté noAva), ngokunjalo nabazali bakhe uKarel noElizabeth: "Ufunda lukhulu ngokuchitha ixesha nabantu abadala abanobulumko, kwaye loo nto indikholisa emphefumlweni," wongeze ngelitshoyo.

Apha kwaPhambili siyalithakazelela igalelo lenu kwaye silindele ukuba nisithumele nantoni na enika umdla kule imeyili rsteenekamp@overstrand.gov.za okanye nge e-pos tzweni@overstrand.gov.za. Kungenjalo tsalela iqela eliqulunqa olu hlelo ngomnxeba kule nombolo 028 313 8043.